
# Imithi yase Mzantsi Afrika



NguBrian Ramadiro
noCebo Solombela

UMzantsi Afrika unemithi emihle kakhulu nenika umdla. Le mithi inamagama akhethekileyo nakunika ulwazi ngayo.



Lo ngu**Mnquma**.

UMnquma ufumaneka kumanxweme oMzantsi Afrika ukusukela eNtshona-Kapa, eMpuma-Kapa ukuya KwaZulu-Natal. Kanti unako ukuwufumana kwezinye iindawo kumantla amaphondo iLimpopo neMpumalanga.

UMnquma ngumthi ohlala uluhlaza okhulela kumahlathi ashinyeneyo, uyakwazi nokuzikhulela ngokwawo. Amagqabi awo ajonge ezantsi anika umthunzi kwezinye izityalo.  Ukhula ubenobude obumalunga neemitha ezingaphaya kwamashumi amathathu.

UMnquma ngumthi oye ungathathi xesha lide ukukhula. Kodwa usakukhula, uyakwazi ukuhlala iminyaka emininzi. Maxa wambi lo mthi ukhe ufikelele kwiwaka elinamakhulu amahlanu leminyaka usakukhula. Naxa sele womile, uMnquma uyakwazi ukuhlala elinye iwaka leminyaka.



Ubizwa ngokuba nguMnquma kuba womelele kwaye ubunqumarha. Xa uthe wafaka iziqobo zawo emanzini, ziye zizike ngenxa yobunzima bazo. Uye usetyenziswe ekwakheni imigangatho yendlu, uphahla nomzila kaloliwe.

Lo ngu**Mnga.**

UMnga ngumthi ongekho mde kuyaphi, umalunga neemitha ezilishumi elinesihlanu. Unesikhondo esibumhlophe nesigqunywe ngameva amnyama namdaka ngebala. Ukhula uchume kumhlaba odibane nesanti nomdongwe.



UMnga ufumaneka kwimimandla emininzi kweli loMzantsi Afrika kodwa ubukhulu becala ukhula kwiphondo iLimpopo.

UMnga ngumthi okwaziyo ukumelana nembalela kwaye kukholelwa ukuba uneempawu zonyango nezobugqi. Ngumthi oye usetyenziswe kakhulu xa kusenziwa amachiza esiNtu. Umzekelo, iingcambu zawo ziye zigutywe zifakwe emanzini.  Lo mxube uye usetyenziswe xa umntu etyiwe yinyoka, okanye kuhlanjwe ngawo umntwana ofumana ubunzima xa kufuneka alale.



Le yi**Bhawobhabhu (iBaobab).**

Umthi iBhawobhabhu uye ngamanye amaxesha ubizwe njengomthi 'ungqu phantsi', ngenxa yamagqabi awo abanzi, amafutshane kakhulu abukeka njengeengcambu kunenkangeleko yamasebe.



IBhawabhabhu ngumthi oba banzi endaweni yokuba ube mde. Ububanzi bawo bungaba ziimitha ezingamashumi amabini anesibhozo, kodwa ubude bawo abudluli kwiimitha ezingamashumi amabini anesihlanu. Lo mthi uthanda ukukhulela kwiindawo ezishushu. Ufumaneka kwiindawo ezifudumeleyo ezifana nelizwe laseBotswana, iNamibia, iZimbabwe neMozambique. EMzantsi Afrika ufumaneka kakhulu kwiphondo iLimpopo. Kwiminyaka emininzi edlulileyo, ngenxa yobukhulu bezikhondo zalo mthi, abantu babezisebenzisa nje ngezindlu, iintilongo nendawo yokulindela ibhasi nezinye izinto.

Le mithi ingaphila iminyaka engaphezu kwewaka. Ukubonisa ukunyamezela, ubomi obude  namandla awo, enye yeembasa umongameli ayinike iingcali

zaseMzantsi Afrika ithiywe ngalo mthi. Loo mbasa kuthiwa yi-*Order of the Baobab.*

Le yi**Marula**.

IMarula ngumthi othe tye onesithsaba sehlathi esibanzi. Ngumthi okhawulezayo ukukhula nochuma kakhulu emhlabeni oyisanti eshushu. Ufumaneka kwilizwekazi  iAfrika, ukusukela e-Ethiopia ukuyakuma kumantla ephondo laKwaZulu-Natal. EMzantsi Afrika ufumaneka kakhulu kumaphondo iLimpopo, Mpumalanga neKwaZulu-Natal.



IMarula ithiywe ngesiqhamo esimnandi esikhula kulo mthi. Esi siqhamo sinezondlo yaye sisetyenziswa ekwenzeni iziselo nezinye iimveliso. Esi siqhamo sonwatyelwa ngakumbi ziindlovu, imikhombe, iindlulamthi, kwakunye nabantu.



Lo ngu**Mhlontlo.**

UMhlontlo ngumthi oqinileyo onencindi ofumaneka eMpuma-Kapa, KwaZulu-Natal, eMpumalanga naseMozambique. Lo mthi ungakhula naphi, ehlathini, emadlelweni, emathafeni, kwiintlambo zemilambo, nakwiinduli ezomileyo nezinamatye.



UMhlontlo ngumthi ungakhula ube malunga neemitha ezilishumi ububanzi, ube ziimitha ezilishumi elinesibhozo ubude.

Unamasebe amile okwamaphiko athi ancede ukugcina amanzi ngamaxesha embalela. Uneengcambu ezimfutshane kakhulu eziwuncedisa ukhule xa umhlaba ukwiimeko apho umncinci, ezifana namathambeka neendawo ezinamatye.

UMhlontlo ngumthi ohloniphekileyo eMpuma-Kapa. Abanye abantu bakholelwa ukuba, uthe ngempazamo wawonakalisa, ze incindi emhlophe okobisi ivuze kwisikhondo okanye kumagqabi awo, kumele kubekho umnikelo wentsimbi okanye imali eyingqekembe ngenjongo yokuxolisa nokugxotha amashwa.



Yeyiphi imithi oyaziyo noyithandayo?

Ungalibhala ibalana usibalisele ngayo?

Ulwazi Lwethu Readers

## Inqanaba 1

1. Izandi ezizizikhamiso
2. Izandi ezingamaqabane (b-j)
3. Izandi ezingamaqabane (k-r)
4. Izandi ezingamaqabane (s-z)
5. Vula, vala, vakala
6. Ukubala amagubu
7. Imbalela
8. Uziva njani uZazi?
9. UNunu noBobi
10. Idonki
11. Ipesika enkulu
12. UVuxa uthanda ucoceko
13. Isuphu emnandi
14. Amawele aluncedo
15. Qaphela Cokisa
16. USazi ufuna ukupeyinta
17. Ibululu esibayeni
18. UVela noVutivi
19. Iyakwazi ukubhabha

## Inqanaba 2

1. Umlilo
2. UKhabo nesigcawu
3. Ubuya nini uTata?
4. Mini emnandi Zazi
5. Amantombazana alusayo
6. Masonge amanzi
7. Iinwele ezinkulu
8. Basefama
9. Isifo seehagu
10. Usapho lwam
11. UKhosi uxakekile
12. Lina libalele
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Konke ngeetapile
16. Imvumi yodumo uMirriam Makeba
17. UNtombi ubhaqa isela
18. IShibhelani kaKulani

## Inqanaba 3

1. Soweto
2. Isipho esothusayo
3. Andiyithandi imifuno
4. UKhazi nombala obomvu
5. Izipho
6. Umjikelo wobomi besele
7. Uthando lwamawele
8. Umnyama kaNyansio
9. UPhumu owonwabileyo
10. Umnqweno kaLunje ufezekile
11. UMoli neekhrikethi
12. Uleqa phi Wenzile?
13. Amaqanda kaZodwa adukileyo
14. Isidudu esimnandi
15. Iinyosi
16. Ingwenya enentiyo
17. Amaxesha onyaka
18. Zinkulu kum
19. Isonka sikaNomsa
20. UMbali noBuhle

## Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtiyiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Idyasi eguquliweyo
6. Ubuchule bukaNcinci
7. Badlala kuyo nayiphi imozulu
8. Imisebenzi yasekhaya
9. Ilokhwe entle
10. Umlimi uNtsika neenkawu
11. Amanzi ndawo yonke
12. Ubugqi bembewu
13. UPhila wonzakele
14. Isityalo esiphilisayo
15. Iindlela zabantu baseVenda
16. UQhawe uyalazi ixesha
17. Ugqirha uSooliman olungileyo
18. Amakhwenkwe akrelekrele
19. Iindlela zothutho
20. UGcina uzigcina esempilweni

## Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UThobile nezihlangu ezintsha
7. Imilambo yaseMzantsi Afrika
8. Imithi yaseMzantsi Afrika
9. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
10. Singcamla incasa yaseVenda
11. Utata wethu, umgcini wezilwanyana
12. Umkhuhlane
13. UNomadlakadlaka oligorha
14. Ingxaki egadini kaMakhulu
15. UStovi noStali
16. Iphupha likaSiviwe
17. Isihlangu esihle
18. UThwasa uphuthelwe
19. Ukulima
20. Ubuhlobo bokwenene
21. Umlobi

Ulwazi Lwethu yinkqubo esekwe ngenkxasomali yiZenex Foundation ukuvelisa uluhlu lweencwadi zokufunda nezinye izixhobo zokufundisa. Le nkqubo ijolise ekufundiseni nasekuxhaseni ukuphuhla kwesakhono sokufunda nokuqonda ulwimi lwasekhaya kubafundi abakumabanga aphantsi. Ezi ncwadi zihleliweyo zisungulwe ngeelwimi ezilithoba zaseMzantsi Afrika ngentsebenziswano phakathi kwamaqumrhu iMolteno Institute for Language and Literacies, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development, iRoom to Read South Africa neSouth African Institute for Distance Education. Zonke ezi zixhobo ziveliswe njengesibonelelo semfundo evulelekileyo nefumaneka simahla, iOpen Education Resources (OER) ngelasemzini.

Nceda undwendwele iwebhusayithi yethu ukuze ufumane ushicilelo olupheleleyo lwale ncwadi:: ***ulwazilwethu.org.za***

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute Zenex Foundation, but you may not change this work in any way or use it commercially.

ISBN: 978-1-77981-232-2